

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EyoKwindla 2019 Ushicilelo 1

Budgeting for a brighter future

FINANCE MINISTER Tito Mboweni has called on the nation to embrace President Cyril Ramaphosa's State of the Nation Address task list, so that we can become a better South Africa.

During his recent Budget Speech in Parliament, Minister Mboweni assured South Africans that the country is on a bold new path and spoke about what government plans to do for the nation and its citizens.

The Minister said that the Budget focuses on six areas. These include achieving a higher rate of economic growth; increasing tax collection; reasonable, affordable expenditure; stabilising and reducing debt; re-configuring state-owned enterprises (SOEs); and managing the public sector wage bill.

"Taxes raised in wealthier areas fund poorer provinces and municipalities. In this budget, 47.9 percent of nationally-raised funds have been allocated to national government, 43 percent to provinces and 9.1 percent to local government. Pro-poor spending continues to grow in real terms," he said.

Finance Minister Tito Mboweni delivers the Budget Speech.

● **Cont. page 2**

● **ECONOMIC GROWTH**

● **TAX**

● **EXPENDITURE**

● **DEBT**

● **SOEs**

● **WAGE BILL**



Social grant increases



R80 – Increase for old age, disability, war veterans and care dependency grants.
R40 – Increase for the foster care

Health



R717 billion – For health services, including the National Health Insurance.

Education



R30 billion – To build new schools and maintain infrastructure.



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews



Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

FREE COPY

Did you know? THE 2019 ELECTIONS WILL BE HELD ON 8 MAY 2019

Abasebenzi bezempilo abasebatsha bancedisa kwiindawo zasemaphandleni zase-KZN

UMphathiswa wePhondo (u-MEC) wezeMpilo waKwaZulu-Natal (e-KNZ) uGqr. Sibongiseni Dhlomo ukhuthaze abasebenzi bezempilo abasebatsha ukuba bashiye iindawo abazithandayo baye kwiindawo zasemaphandleni ukuyakunceda abahlali abafuna unakekelo lwempilo.

U-MEC ebethetha kutshanje eDurban, kwindibano yocweyo yokuqhelaniswa nokwaziswa kwabafundi abangama-268. Bavela kwii-Yunivesithi zelizwe lonke kwaye baqalise ngoqeqesho lwabo lwasemsebenzini lwenyanga ezili-12 ekuqaleni kwenyanga yoMqungu.

Aba bafundi bowama-2019 baquka oogqirha bamazinyo, ii-physiotherapist (iingcali zonyango lomzimba ngokuthambisa), ii-occupational therapist (iingcali zonyango lwasemsebenzini), ii-speech therapist (iingcali zonyango lwentetho), kunye nee-audiologist (iingcali zeengxa-



Abasebenzi bezempilo abasebatsha abangaphezulu kwama-200 bakulungele ukunceda abantu kwiindawo ezahlukeneyo KwaZulu-Natal njengenxalenye yoqeqesho oluqhutywa kwiindawo ezihlala uluntu.

ki zokuva ngeendlebe). Olu qeqesho luqhutywa kumaziko akwindawo ezikufutshane noluntu lusisinyanzelo kwicandelo lezempilo lwaqaliswa ngonyaka we-1998/99, ngaphantsi koRhulumente owuwaphathwe nguMongameli uNelson Mandela. Nangona yayigxininisa koogqirha nakoogqirha bamazinyo kuqala, iye yaqaliswa nakwabanye abasebenzi bezempilo, kuquka ii-therapist kunye nabongikazi.

“Uninzi lweenkonzo ezinikezelwa zezi ngcali zonyango kunqabile ukuba zifu-

maneke phaya (kwiindawo zasemaphandleni). Ukuvumela aba bantu batsha ukuba bangene kwezi ndawo kunciphisa imfuno yabantu abaguliswa ziziphumo zoxinzelelo lwegazi oluphezulu, isifo seswekile, isifo sokufa kwamalungu athile omzimba (i-stroke), ukuba baye kwiindawo zasezidolophini apho kukho uninzi lwezi ngcali,” utshilo uMEC uDhlomo.

Ugqirha wamazinyo uFrieda Maritz, waseTshwane, wafunda kwiYunivesithi yasePitoli. Ekuqaleni wabe-

“**Ukubanako ukubonelela ngeenkonzo zempilo kubantu abangenako ukufikelela kuzo kuyachulumancisa.**”

kwa kwiSibhedlele sase-Ekhombe, ngaphambi kokuba adluliselwe kwiKlinikhi yaseHlengisizwe. “Ndiyavuya noko ukuba ndibe ngaphandle kwaseDurban. I-Ekhombe isemaphandleni, kodwa ndifunde lukhulu kuyo. Ndifunde into eninzi ngomsebenzi wam. Ndivuyiswa kukuba ndiza kuthele IsiZulu, ukwazi bhetele ngabahlali kwanokwenza umahluko ngokunceda,” utshilo uMaritz.

UNombongo Ntswayi, oyingcali yezifo zendlebe waseKapa, uye wazonwabela iiveki zakhe ezimbalwa zokuqala kwisibhedle-

le iChrist the King Hospital e-Ixopo, apho ebethunyelwe khona.

“Xa usebenza nabantu base-Ixopo, ufunda izinto ezininzi ngobomi nokubaluleka kwabantu. “Ukubanako ukubonelela ngeenkonzo zempilo kubantu abangenako ukufikelela kuzo kuyachulumancisa,” utshilo uNtswayi.

UYashnita Ramsunder, oyi-occupational therapist ofunde kwiYunivesithi yaseKapa, ufumaneka kwiKlinikhi yaseGamalakhe, cebu kuhle nasePort Shepstone. “Ndivuya ngokwenene apho ndibekwe khona. Ndinikezela ngeenkonzo kwiiklinikhi ezilithoba. Into endiyilangazelela kakhulu kulo nyaka kukunceda abona bantu bangamahlwempu, ukunceda abantu abakhubazekileyo batsho bakwazi ukuzenzela izinto, kwano-fundisa ngesifo sokuphazamiseka engqondweni kunye nokukhubazeka, kuba yinto endiyithandayo leyo,” utshilo uRamsunder. **V**

Izigulane nazo zinamalungelo

ABANTU ABAKHOLELWA ukuba bafumene unakekelo olungekho mgangathweni kwiziko lezempilo likarhulumente banelungelo lokufaka isikhalazo.

Silusapho Nyanda

Njengoko inyanga yoKwindla iyiNyanga yamaLungelo oLuntu, i-Vuk'uzenzele iza kugxininisa kumalungelo ezigulane ezikumaziko ezempilo.

Iinkonzo zezempilo zilingelo loluntu elingundoqo ekufanele ukuba zixhanyulwe ngabo bonke abantu baseMzantsi Afrika.

Oku kuqhube iSebe lezeMpilo ukuba libhale uMqulu wamaLungelo eziGulane.

Lomqulu uthi wonke umntu unelungelo lokufumana iinkonzo zempilo, kungakhathaliseki ukuba banako na ukubhatalela unyango.

“Unyango kunye nokubuyiselwa kwempilo kwimeko yesiqhelo yangaphambili kufuneka zaziswe kwisigu-



lane ukwenzela ukuba isigulane sibe nako ukuqonda unyango okanye uncedo lokubuyiselwa kwempilo kwimeko yesiqhelo yangaphambili kunye neziphumozalo,” lo mqulu ucacisa utsho.

Ukuba isigulane sinoluvo lokuba siye saphathwa kakubi okanye amalungelo

aso aphuliwe, sinelungelo lokukhalaza.

Izigulane ezisebenzisa izibhedlele zikarhulumente zaKwaZulu-Natal, umzekelelo, zinokufaka izikhalazo ngqo kumagosa ezobudlelwane noluntu (i-PRO) ezifumaneka kumaziko ezempilo akweli phondo.

“Ngoku, sinezibhedlele

zicarhulumente ezingaphezulu kwama-80 kwiphondo lethu kunye nee-PRO ezingama-80, kunye namaziko ezempilo oluntu amalungane ne-10, iziko ngalinye line-PRO yalo,” utshilo uMphathiswa wezeMpilo waKwaZulu-Natal uGqr. Sibongiseni Dhlomo. Kule minyaka imbalwa idlulileyo kuye kwabanjwa iindibano zocweyo zokuqeqesha ii-PRO ukuba zikwazi ukumela amaziko ezempilo karhulumente ephondo.

Izigulane ezinezikhalazo nazo zinokuvakalisa izikhalazo zazo kwi-ofisi kaNozikhalazo wezeMpilo.

URicardo Makhanya we-ofisi kanozikhalazo ucha-ze ukuba baphanda ngezikhalazo zezigulane kwaye banika ingxelo ngesikhalazo ngasinye.

Wathi izigulane kufuneka ziqale ngokuvakalisa izikhalazo kwiziko lezempilo elo zize zithi ukuba azanelisekanga, ziye kwi-ofisi kanozikhalazo. **V**

Ilungelo lokuhlonitshwa kwesidima sakho

Nasiphi na isigulane sinelungelo:

- Lokuhlala kwindawo ekhuselekileyo nengenabungozi empilweni yaso
- Lokuthatha inxaxheba xa kuthathwa izigqibo
- Lokufumana iinkonzo zempilo
- Lokwazi ngempilo yaso
- Lokufumana i-inshorensi/isikimu soncedo lwezonyango
- Lokuzikhethela iintlobo zeenkonzo zempilo esizifunayo
- Lokunyanga yingcali yezempilo eyonyuliweyo
- Lokuba iinkcukacha zaso zihlale zilihlebo nemfihlakalo
- Lokuvuma emva kokuba sinikwe yonke ingcaciso
- Lokulandula onyango
- Lokufumana uluvo lwesibini
- Lokughubeka nokufumana iinkonzo zempilo
- Lokukhalaza ngeenkonzo zempilo.

Ukuba ufuna ukufaka isikhalazo kuNozikhalazo wezeMpilo, tsalela le nombolo yomnxeba yasimahla ithi: 080 911 6472 okanye uthumele ifeksi ku-086 560 4157 okanye i-imeyile ku-complaints@ohsc.org.za